PBO 930022142 NPO 049-191

Izikhokelo/Uludwe lokukhangela lokukhetha isibonelelo sokukhathalela sexesha elide

Ukufikelela ekhaya

- Ingaba sikufutshane nosapho nabahlobo?
- Ingaba sikumgama onokuhanjwa okhuselekileyo oya: kwindawo yonqulo; ezivenkileni; eb-hankini, eposini?
- Ingaba ikufutshane nezinto ezenzeka eluntwini umhlali lo aziquka nalo?
- Ingaba sikwindawo eqhelekileyo okanye kwindawo entsha?
- Ingaba le ndawo ikhuselekile?

Izimvo zokuqala

- Wamkelwe njani ukufika kwakho ungaxelanga?
- Ukuba nobubele kwabasebenzi?
- Ingaba sikhuselekile, sicocekile kwaye sinomtsalane sihonjisiwe?
- Ingaba kukho amavumba aqaphelekayo (ingakumbi umchamo)?
- Ingaba abahlali bakhangeleka bonwabile benento yokwenza, okanye ingaba bahleli bejonge esithubeni?
- Ingaba ukhe wabona abasebenzi nabahlali bencokola?
- Ingaba abanye babahlali bebengavumelekanga ukuba basuke ezitulweni zabo?

- Ingaba abanye babahlali bebengavumelekanga ukuba basuke ezitulweni zabo?

Imigaqo nemimiselo

- Khangela ukuba nesiqinisekiso nokubhaliswa kweli khaya.
- Ingaba uziva wonwabile yimigaqo nemimiselo yeli khaya?
- Ingaba lilungiswe kakhulu?
- Ingaba abahlali kufuneka beye kulala ngamaxesha abekiweyo?
- Ingaba amaxesha okutyelela anyanzeliswa ngokungqongqo?
- Uthini umgaqo-nkqubo omalunga nokunqanda abahlali ababut-hathaka?

Ref. cbonita.brinkster.net

Imali

- Ingaba uza kukwazi ukuhlawula imali yeli khaya?
- Konyuswa malini kwintlawulo ngonyaka?
- Uza kukwazi ukuhlawula kangangexesha elithile?
- Ukuba unoncedo lwemali yonyango / uncedo-mali lokhubazeko / i-inshorensi – ingaba luza kuhlawula onke amaxabiso eli khaya?
- Ingaba kukho amaxabiso ongeziweyo kweli khaya angeyonxalenye yerenti / yerhafu yen-yanga?

Abahlali

- Ingaba kukho ikomiti yabahlali?
- Ingaba zikhona iindlela zokuba abahlali banike izikhalazo zabo? Ingaba kukho umntu ona-mava negunya lokuvakalisa izikhalazo zabantu?
- Ingaba abahlali bayakhuthazwa ukuba bazigcine besebenzisa umzimba nengqondo kunye nokujonga iimfuno zabo apho kunokwenzeka nalapho kufanelekileyo?

- Ingaba abahlali bayavunyelwa ukuba bancedise kwimisebenzi yeli khaya?
- Ingaba abahlali babizwa ngamagama abo ngabasebenzi?
- Ingaba abanye abahlali bakhangeleka benobubele?
- Ingaba yindawo yokuhlala exubeneyo ngokwesini?
- Ingaba abahlali bayakhuthazwa okanye bayanyanzelwa ukuba bemke emagumbini abo emini?

Abasebenzi

- Kufuneka kubekho abasebenzi abakwizinga eliphezulu – ukunxulumana nabahlali.
- Ingaba eli khaya linesiqingatha esiphezulu sotshintsho lwabasebenzi?
- Ingaba kukho inani elifanelekileyo labakhathaleli abasebenzayo kwishifti nganye?
- Ngabaphi abasebenzi abalindele ukubizwa / abafumaneka iiyure ezingama-24 ngemini?
- Ingaba abasebenzi bafumana uqeqeqsho oluqhubekayo?

Ulwazi ngokhuseleko/lindlela zamathuba kaxakeka

- Ingaba kukho amathambeka, kwaye ingaba kukho ufikelelo olululula lwezitulo ezinamavili kweli khaya liphela?
- Ingaba kukho izibane ezizizo kweli khaya?
- Ingaba kukho iintonga zentsimbi zokubambelela ezibethelelwe ezindongeni ezipasejini?
- Ingaba imiphezulu yemigangatho ayityibilikisi?
- Ingaba kukho amaqhosha evuso ekufikeleleka lula kuwo:
- Ingaba iipaseji nezitepusi zikhanyiswe kakuhle?
- Ingaba kukho ilifti ukuba eli khaya linemigangatho engaphaya komnye?
- Ingaba kukho isicwangciso sentlekele sokuphuma kweli khaya?
- Ingaba kukho imibhobho yamanzi esetyenziswa xa kusitsha ebonakalayo nefikelelekayo?

- Ingaba kukho amavuso omsi?
- Ingaba baba kubakho imithambo yemililo ngalo lonke ixesha kweli khaya?
- Ingaba badibene kwikhampani enezixhobo zokuphendula ngokukhawuleza xa kukho umona-kalo?
- Zeziphi ezinye iindlela zokhuseleko ezikhoyo kweli khaya?
- Ingaba eli khaya likhuselekile ngokokufikelela okulawulwayo / ngokubiyelwa komda, njalo njalo?
- Zeziphi izixhobo zonyango olungxamisekileyo ezikhoyo kweli khaya?
- Ingaba iibhokisi ekufakwa kuzo imiba emalunga nokhuseleko ngabahlali zikhona?

- Ingaba amaqhosha aphathwayo evuso abahlali banawo xa bephume phandle?

Ukunikwa ikhaya imali yoncedo

- Ngoobani abona baniki bemali baphambili beli khaya?
- Ingaba ngumbutho owenza ingeniso okanye ngumbutho ongenzi ngeniso?
- Ingaba kukho indlela ethile yoncedo ngemali (ukuba ngaba kufuneka ukhathalelo lobut-hathaka okanye olongezekileyo) ukuba ngaba umhlali akakwazi ukukuhlawulela oko?
- Ingaba yinkqubo yobomi elungileyo

Amagumbi okulala

- Ingaba kukho ukukhanya xa usegumbini lokulala?
- Ingaba kukho izibane ezizizo?
- Ingaba kukho ingxaki yokufuma kweli gumbi?
- Ingaba amagumbi anefenitshala okanye awanayo?

- Ingaba ligumbi lomntu omnye okanye labantu ababini?
- Ingaba umhlali uvumelekile ukuba abe neketile, isixhobo sokurhawula isonka, njalo njalo egumbini?
- Ingaba kukho iindawo zokufaka iplagi ezaneleyo kweli gumbi (eyesibane esingasebhedini, eyeketile, ekanomathotholo, eyesixhobo sokomisa iinwele, njalo njalo), ukuba akunjalo ingaba ii-adaphtha zivumelekile?
- Ingaba kukho intsimbi yexesha likaxakeka / iqhosha levuso kweli gumbi?
- Ingaba kukho iikhabhathi needrowa ezaneleyo kweli gumbi?
- Yeyiphi ifenitshala nezinto zomntu ezivunyelweyo?
- Ingaba abahlali bayavunyelwa ukufowunela iziqu zabo emagumbini abo?
- Ingaba bayavunyelwa abahambi kumagumbi okulala?
- Ingaba abahlali banikwa ukutya emagumbini abo okulala xa bengaphilanga?

Amagumbi okuhlambela

- Umntu unelakhe okanye bayabelana?
- Kukho ibhafu kunye / okanye ishawari?
- Ingaba kukho iqhosha levuso egumbini lokuhlambela?
- Ingaba limfanele umntu omdala (oko kukuthi ingaba liye lalungiselelwa iimfuno zomntu omdala) m- umzekelo libe nomphezulu webhafu ongatyibilikisiyo, iindawo zokubambelela, izitulo zeshawari, njalo njalo?
- Ingaba kukho ufikelelo olulula lwesitulo esinamavili egumbini lokuhlambela?
- Ingaba lukhona uncedo lokubhafa nokushawarisha kubahlali abangafuni ukhathalelo lokuhlamba, xa oko kufuneka?

Amakhitshi, ukutya neziselo

- Ngawaphi amaxesha okutya?
- Ingaba ukutya kokwezinga eliphezulu nokohluka okuphezulu?
- Ingaba kukho ulungiselelo olwenziweyo lokutya okukodwa (umzekelo, okuneeproteni ezikwizinga eliphezulu, okwabantu abaneswekile, okunamafutha akwizinga elisezantsi, ikosher, okwabantu abangatyi nyama; ihalaal; njalo njalo)
- Ingaba banencutshe kwisondlo esikhoyo sabo?
- Ingaba kukho ukwahluka kwisidlo seveki, kwaye ingaba isidlo sitshintsha qho na?
- Ingaba idizethi neziqhamo ziyinxalenye yesidlo?
- Ingaba iipleyiti zanele? Ingaba ukuzinceda kwesibini kuvunyelwe?
- Ingaba kukho iindawo ezahlukeneyo zokulungiselela ukutya / zokuhlamba izitya nokulahla inkunkuma?
- Ingaba abahambi bavumelekile ukuba batye egumbini lokutyela? Ngeliphi ixabiso?
- Kukhe kubekho izidlo ezizodwa (umzekelo, kweeholide zonqulo, kweentsuku zokuzalwa, njalo njalo)?
- Ingaba abahlali banako ukufumana ukutya okupakishiweyo ukuba ngaba bayaphuma ngaloo mini?
- Ingaba kukho amaxesha okuphunga ngamaxesha amaninzi, iti enikwa leli khaya (umzekelo iti yakusasa neyasemva kwemini), kwaye ingaba kukho into ehamba nale ti?
- Ingaba utywala buyavunyelwa kumda weli khaya?

Igadi/izitiya

- Ingaba kukho igadi?
- Ingaba kufikeleleka lula egadini, kwaye ingaba abahlali bayavunyelwa baye egadini?
- Ingaba abahlali abakwaziyo ukusebenza bayavunyelwa ukuba bancedise egadini?

- Ingaba kukho izitulo phandle?
- Ingaba kukho indledlana efanelekileyo nekhuselekileyo yokuhamba egadini? Ingaba kukho iintonga zentsimbi zokubambelela apha kule ndledlana?
- Ingaba le gadi iyakhanyiswa ebusuku?

Zeziphi iinkonzo ezongeziweyo ezinikwa leli khaya?

- Ugqirha weenyawo?
- Izibonelelo zokulungisa iinwele / zokucheba?
- Ukuphulula kusetyenziswa izityalo ezinevumba elimnandi/ukuphulula kwiindawo ezithile zeenyawo neengalo nentloko ukunika isiqabu kuxinzelelo nokunyanga isigulo/ kunye nolunye unyango?
- Ivenkilana?
- Iklinikhi yasemini / amagumbi okuxilongela?
- Ingaba amayeza ayasetyenziswa ukuba ngaba abahlali abangafuni kukhathalelwa kobut-hathaka bayayifuna le nkonzo?
- Ingaba zeziphi iinkonzo ezinobuchule ezongezelelweyo ezikhoyo (umzekelo, umsebenzi wentlalo-ntle, uNyango olunxulumene nomsebenzi, unyango ngemithambo, unyango lwen-tetho)?
- Ingaba kukhona ugqirha olindele ukubizwa xa kukho amathuba engxakeko?
- Ingaba kukho amagumbi emisebenzi?
- Ingaba kukho inkqubo yesiqhelo yemisebenzi nokuthamba kwabahlali?
- Ingaba abahlali bayakhuthazwa ukuba bafunde izakhono ezintsha?
- Ingaba kukhe kubekho uhambo oluphumayo, kuphunywe, kubekho izifundo, iintetho, nemi-boniso elungiselelwe abahlali?
- Ingaba kukho intatho-nxaxheba yoluntu apha kweli khaya?

- Ingaba banamavolontiya kweli khaya?
- Ingaba kukho igumbi lokuhlala elinomabonakude kunye nelingenaye?
- Ingaba umabonakude udlalwa imini yonke?
- Ingaba kukho umabonakude wesathelayithi?

Ukusondelelana nokuba wedwa

- Ingaba abantu abatshatileyo bayavunyelwa ukuba babelane ngegumbi?
- Ingaba abahlali bayavunyelwa ukuba babelane ngesondo kweli khaya?
- Ingaba bonke abahlali bayavunyelwa ukuba babe bodwa kweli khaya?
- Ingaba abasebenzi bayankqonkqoza phambi kokuba bangene emagumbini?
- Ingaba kukho ukuba wedwa okukhoyo malunga neefowuni?
- Ingaba kukho indawo yokutyelela eyodwa yabahlali ababelana ngegumbi?

Abatyeleli

- Ingaba abahlali bayavunyelwa ukuba baphume iintsuku/iimpela-veki nangeeholide?
- Ingaba abatyeleli banokutyelela nangaliphi na ixesha okanye kuphela ngexesha lokutyelela?
- Ingaba kukho igumbi labucala labatyeleli?
- Ingaba abatyeleli kufuneka basayine xa befika?
- Ingaba izizalwane / abahlobo bayakhuthazwa ukuba bathathe inxaxheba ekukhathaleleni umhlali?

Izibonelelo zokhathalelo lomntu obuthathaka

- Qonda ukuba zeziphi na iintlawulo ezongezelelekileyo / ukubakho kokhathalelo lwabantu ababuthathaka, nokuba alufuneki ekuqaleni.
- Ingaba kukho abongikazii abaqeqeshwe ngokukodwa kule ndawo? (Kufuneka kubekho umongikazi onesiqinisekiso, hayi umncedisi-mongikazi nje).
- Ingaba kufuneka usebenzise ugqirha walapha okanye ungamsebenzisa owakho?
- Ingaba abatyeleli bavumelekile ukutyelela umntu ofumana unyango lobuthathaka ngokuthanda kwabo?
- Ingaba kukho ukhubazeko / isigulo abangakwaziyo ukumelana naso kweli khaya?
- Ingaba inkunkuma yonyango ilahlwa njani kweli khaya?
- Ingaba iimfuno zokuhlala ziyaqwalaselwa?

Okunye

- Ingaba kukho iindawo ezisikelwe ukutshaya nezisikelwe ukungatshayi?
- Ingaba izilo-maqabane ziyakhuthazwa ngenxa yoncedo lonyango, kwaye ingaba ziyavunyelwa kweli khaya?
- Ingaba abahlali bayavunyelwa ukuba babe nezilo-maqabane zabo?
- Ingaba ukuhlanjwa noku-ayinwa kwempahla kwenziwa apha okanye kwenziwa ngaphandle?
- Ingaba abahlali banako ukuphumeza iimfuneko zabo zasemoyeni kweli khaya?
- Ingaba kukho uhlobo lwezothutho olukhoyo oluya ezivenkileni / xa kuphunywa / kumadinga oogqirha?
- Ukuba abahlali basakwazi ukusebenza, ingaba banako ukuba neemoto zabo kulo mda? Ingaba kukho indawo yokupaka iimoto ekhuselekileyo nefikelelekayo?
- Ingaba kukhe kwakho izikhalazo / amatyala malungana neli khaya?
- Ingaba banomgaqo-nkqubo omalunga nophatho gadalala kwabantu abadala? Luphathwa njani xa lunokuba khona?
- Lithini ixesha lokwenza isaziso xa ngaba umhlali ufuna ukulishiya eli khaya?

Amanqaku:

_____

_____

_____

_____

_____

_____

_____

_____

Contact us:

Tel: (021) 421 0077/78
Email: info@dementiasa.org
Or support@dementiasa.org

3rd Floor,
State House,
3 Rose Street,
Cape Town

P.O. Box 16421
Vlaeberg
8018

DEMENTIASA
managing alzheimer's and dementia care

www.dementiasa.org